Isifundo 2

** 4–10 Januwari*

Ukusuka EYerusalem Kuye EBhabheli

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki:
2 Kumkani 21:10–16; Daniyeli 1; Gal. 2:19, 20; Mat. 16:24–26, 2 Kor. 4:17; Yakobi 1:5.

Indima Yenkumbulo:
"Abo bantwana bane uThixo wabanika ukwazi, nokuziqonda iincwadi zonke, nobulumko; uDaniyeli waba nokuyiqonda imibono yonke, namaphupha"(Daniyeli 1:17).

IBhayibhile ayikuphephi ukubonisa ubuthakathaka boluntu oluwileyo. Ukususela kuGenesis ukubheka phambili, ukuba nesono kwabantu neziphumo zako okulusizi kwandlelwe elubala. Kwangelo xesha linye, bakho abo babonisa ukuthembeka okukhulu kuThixo, kuthi chatha sebejongene neenzuzo ezinkulu xa bengaba yenye into engathembekanga. Eminye yemizekelo ecacileyo yokuthembeka okunjalo ikho encwadini kaDaniyeli.

Kanti ke, xa sifunda uDaniyeli, kufuneka ihlale engqondweni yethu into yokuba intshatsheli yencwadi nguThixo. Siqhelene kakhulu namabali abangela uxinzelelo kuDaniyeli nabahlobo bakhe side sikulibale ukuphakamisa ukuthembeka kwaLowo wayewakhokela ewaxhasa loo madodana mane xa ayengquzulana negunya nomtsalane wobukumkani baseBhabheli. Ukuthembeka kungumngeni owaneleyo kukodwa nje umntu ekwelakhe ilizwe nendawo yakhe, kubeke phi ke ukujongana nokunyanzeleka xa ukwelasemzini ilizwe, inkcubeko nenkolo! Abantu abaphambili (kule ngxaki) bayamelana nemingeni kuba, njengompostile uPawulos, bathi "ndiyamazi endikholiweyo nguye" (2 Tim. 1:12), baye bathembele kuYe.

**Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ka 11 Januwari.*

Cawa

5 Januwari

Ulawulo LukaThixo

Ngokuthi krwaqu nje incwadi kaDaniyeli, kubonakala umfanekiso olusizi wokoyiswa. UYuda uwele kuBebhukadenetsare zaza izitya zetempile zasuswa eYerusalem zasiwa kwilizwe laseShinare. Igama Shinare likho kuGenesis 11:2 liyindawo yenqaba yeBhabheli. IShinare ingumqondiso ombi kakhulu, njengoko irhesha kumsebenzi ongcambu zawo ikukudelela uThixo. Kanti nokuba abakhi beBhabheli basilela kumzamo wabo ukufika ezulwini, iimbonakalo zangaphandle zithi uNebhukadenetsare noothixo bakhe-abakwindawo yaseShinare-bawongamela umnqophiso kaThixo kaIsrayeli.

Kunjalo, ukuqala kukaDaniyeli kucacisa phandle ukuba ukoyiswa kweYerusalem akubalelwa ekongameni kwegunya lokumkani waseBhabheli; koko, kwenzeke kuba "iNkosi yamnikela uYehoyakim ukumkani wakwaYuda esandleni sakhe [uNebhukadenetsare]" (Dan. 1:2). Ngaphambili kakhulu, uThixo uvakalise ukuthi, ukuba abantu baKhe bathe bamlibala, bawaphula umnqophiso, uya kubathumela ebukhobokeni ezweni lasemzini. Ngoko ke, uDaniyeli uyazi ukuba phaya ngasemva nangaphezulu kwamandla omkhosi waseBhabheli, uThixo wamazulu ukhokela ukuhamba kwembali. Koku kubonakala kucacileyo kolawulo lukaThixo olukhuthaza la madodana kuwanike amandla nesibindi ukuba ajongane nesilingo nokucinezelwa bubukumkani baseBhabheli.

Funda: 2 Kumkani 21:10–16, 2 Kumkani 24:18–20, noYeremiya 3:13. Kutheni le nto uThixo enikela uYuda neYerusalem ezandleni zamaBhabheli?

Xa sijongene nemingeni yenkulungwane yama-21, sidinga ukuba siyibambe kwakhona ingqondo ngoThixo ebonakalaliswe ngokucace kakhulu encwadini kaDaniyeli. Ngokwale ncwadi, uThixo esimnqulayo akaneli kuyiqhuba imikhosi yembali ukuba ithubeleze phantsi kolawulo lwaKhe kodwa ungenelela ngenceba ebomini babantu baKhe ebanika uncedo olubalulekileyo xa kukho isidingo. Kanti njengoko siza kubona kamva, oko uThixo wakwenzela abathinjwa bamaHebhere, uya kwenzela abantu baKhe ekupheleni kwexesha, ekuhlaselweni kwabo okwahlukeneyo kwakunye nenkolo yabo.

Yeyiphi eminye imingeni olujongene nayo ukholo lwakho ngoku, nokuba ivela ngaphandle, nokuba kusebandleni ngaphakathi, okanye kwiziphako zesimilo sakho? Ungakufunda njani ukwayama kumandla kaThixo ukukunceda ukuba woyise nokuba yintoni ephambi kwakho?

Inkolo Phantsi Koxinzelelo

Funda: Daniyeli 1. Luxinzelelo olunjani olwabekwa phezu kwala madodana ukuba aluvume?

Ekufikeni kwawo eBhabheli, la madodana ajongana nomngeni omkhulu kwinkolo yawo nendlela akholelwa ngayo: akhethiwe ukuba abe phantsi koqeqesho olulodwa ukuze asebenzele ukumkani. Ukumkani wakudala wayekholisa ukuthabatha abona balungileyo kubathinjwa ukuba basebenze kwibhotwe likakumkani aze ngaloo ndlela aguqule ukunyaniseka kwabo kuye koothixo bobukumkani obubathimbileyo. Ngokwenene, wonke loo msebenzi wawuqonde ukuba negalelo lokuguqula nokunyanzela imfundiso eyayiza kuba neziphumo zokuguqula indlela yokulibona ngolunye uhlobo ilizwe. Njengenxalenye yale nkqubo, abathinjwa bamaHebhere kwafuneka kuguqulwe amagama abo. Igama elitsha libonisa ukuguquka kokubangwa (ubunini) kunye nesiphelo ekujongwe kuso. Ngoko ke, ngokunika abathinjwa amagama amatsha, amaBhabheli ayejonge ukumisela igunya lawo phezu kwabo nokubanyanzela ukuba akuginye akuphile konke okuxabisekileyo nenkcubeko yaseBhabheli. Amagama abo emveli, awayesalatha kuThixo kaIsrayeli, aguqulelwe kumagama anika imbeko koothixo basemzini. Ngaphezu koko, ukumkani wagqiba kwelokuba la madodana atye etafileni yakhe. Ngexesha lakudala, kwakuthetha lukhulu ke ukutya ukutya kukakumkani. Kwakuthetha ukumthobela okungagungqiyo ukumkani, nokuxhomekeka kuye. Kwakuthi ke, kuba ukutya kwakunikelwa kuthixo okanye koothixo bobukumkani, ukukutya oku kutya kwakunayo intsingiselo yenkolo. Ngokucacileyo, kwakuthetha ukwamkelwa nokuba nenxaxheba kunqulo lukakumkani.

Ngoko ke, uDaniyeli namaqabane akhe bazifumana bekwiimeko ezinika imingeni. Kubo, ukuhlala benyanisekile kuThixo nokuphila phantsi kwegunya elongamileyo elalingaphezu kwabo, kwakufuna kuphela ummangaliso. Ukuyenza nzima ngakumbi imeko, isixeko saseBhabheli sona ngokwaso sasimi sisisikhumbuzo sokusebenza komntu. Ubuhle bezakhiwo zeetempile zaseBhabheli, iigadi izejinga phezulu, nomlambo umEfrati ojikeleza isixeko, zizinto ezazinika umfanekiso wamandla nozuko olungadlulwayo. Ngenxa yoko, uDaniyeli nabahlobo bakhe banikwe ithuba lokuphakanyiswa nethuba lokonwabela ubuhle nempumelelo yobu bukumkani. Bangayeka ukuba ngamabathinjwa bamaHebhere babe ngamagosa asebukhosini. Ingaba baza kuyiyekelela imithetho ababeyikholelwa bathi chu kwindlela eya eluzukweni?

Zeziphi iindlela awayenokuthi ngazo la makhwenkwe enze isigqibo sokuzithethelela ekuyekeleleni oko akholelwa kuko? Zeziphi iindlela ekunokwenzeka ukuba wena ube ujongene ngoku nemingeni efana nale, nokuba kungendlela erhubuluzayo?

Lwesibini

7 Januwari

Isigqibo Esiqinileyo

Funda: Daniyeli 1:7–20. Zeziphi iingongoma ezimbini esizibona zisebenza apha: Intando ekhululekileyo kaDaniyeli nokungenelela kukaThixo? Nguwuphi umthetho-siseko obaluleke kakhulu okhoyo nawo apha?

Kubonakala ngokungathi aba bane bamaHebhere abawachasi amagama abo aseBhabheli. Mhlawumbi kwakungekho nto babe nako ukuyenza ngaloo nto ngaphandle kokubizana ngala wabo xa bebodwa. Kona ngokubhekiselele ekutyeni newayini esetafileni kakumkani, ngokuqinisekileyo oko kusemandleni abo ukuba batye okanye bangatyi. Ngoko ke ukuzikhethela ngokukhululekileyo kwesi sine kubaluleke kakhulu apha.

Phofu ke, ukuba igosa liyakwazi ukuguqula amagama abo, linako nokuguqula ukutya kwabo. Zibini izizathu ezinokubekwa apha ezinokwenza ukuba esi sine singafuni ukutya ukutya okusetafileni kakumkani.

Okokuqala, izidlo zetafile kakumkani zinokuba zinezinto ezizinqambi (Leviticus 11). Okwesibini, ukutya kwakunikelwa kumfanekiso kathixo kuqala kwandule ukuthunyelwa kukumkani ukuba akutye. Ngoko ke, uDaniyeli ukwenze kwacaca, ngaphandle kweqhinga nokukhohlisa, ukuba isicelo sakhe siqhutywa yinkolo, oko kukuthi, ukutya kwasebhotwe kuya kumngcolisa yena nabahlobo bakhe Dan. 1:8). Waba nesibindi kakhulu.

Xa sikhangela ekusebenzisaneni phakathi kukaDaniyeli negosa laseBhabheli, zikho iingongoma ezimbalwa ezigqamayo. Kuqala, uDaniyeli ukhangeleka eyiqonda kakuhle imeko enzima elikuyo eli gosa, ngoko ke, wacebisa ukuba kubekho uvavanyo. Iintsuku ezilishumi zokutya okwahlukileyo zimele ukuba zanele ukubonisa okuhle okwenziwa koku kutya nokuze lusuke uloyiko lweligosa. Okwesibini, ukuqiniseka kukaDaniyeli ukuba isiphumo siya kuba sihle ngexesha elifutshane kangako kubonisa ukumthemba ngokupheleleyo uThixo. Okwesithathu, ukukhetha ukutya kwemifuno namanzi kukhomba emva ekutyeni uThixo awakunika umntu eNdalweni (jonga kuGen. 1:29), into ethe mhlawumbi yanika impembelelo ekukhetheni kukaDaniyeli. Ngapha koko, bekungaba kokuphi ukutya okukuko ngaphandle koko uThixo wayesinike kona kwasekuqalekeni?

Yintoni ebalulekileyo ngokuzikhethela okukhululekileyo kukaDaniyeli ethi ivule indlela uThixo enze njengoko wenza (jonga: Dan. 1:9)? Zithini izifundo esinokuzifumana koku ngokubaluleka kokukhetha kwethu? Kumele ukuba nagalelo lini ekukhetheni kwethu ukumthemba kwethu uThixo?

Lwesithathu

8 Januwari

Ukungabi Nasiphako Nobulumko

UDaniyeli namaqabane akhe banyulelwe umsebenzi wakwakumkani kuba bathi gingci kokufunwayo okwakumiswe nguNebhukadenetsare. Ngokukakumkani, amagosa asebhotwe kufuneka "[be]ngenasiphako" babe "nomkhitha" (Dan. 1:4). Okunika umdla, imibingelelo nabantu abasebenza engcweleni bamele ukuba bangabi "nasiphako" (Lev. 22:17–25, Lev. 21:16–24). Ukumkani waseBhabheli ungathi uzifanisa noThixo kaIsrayeli ngokweempawu zabo kufuneka besebenze kwibhotwe lakhe. Kwelinye icala, iimpawu ezinjalo, ngandlela ithile, zinika ingqondo yokuba uDaniyeli nabakubo babe yimibingelelo ephilileyo kaThixo ngexesha babejongene nemingeni yobukumkani baseBhabheli.

Funda: Galati 2:19, 20; Mateyu 16:24–26; no-2 Korinte 4:17. Zisixelela ntoni ezi ndima ngendlela esinokuhlala sithembekile ngayo phakathi kwazo naziphi izihendo esijongene nazo?

_____

_____

_____

UThixo unika umvuzo wokunyaniseka kubathinjwa abane bamaHebhere. Bathi ekupheleni kovavanyo lwabo lweentsuku ezilishumi bakhangeleke besempilweni bondleke kakuhle ngaphezu kwabafundi ababesitya kwitafile kakumkani. Ngoko ke, uThixo unika abakhonzi baKhe abane "ukwazi, nokuziqonda iincwadi zonke nobulumko," wathi uDaniyeli kuphela uThixo wamnika "[u]kuyiqonda imibono yonke, namaphupha" (Dan. 1:17). Esi sipho siya kudlala indawo ebalulekileyo kulungiselelo lobuprofeti bukaDaniyeli.

Kanye njengoko uThixo eluxabisa ukholo lwabakhonzi baKhe kwibhotwe laseBhabheli, usinika ubulumko xa sijongene nemingeni yehlabathi. Kumava kaDaniyeli namaqabane akhe, sifunda ukuba, ngokwenene sinako ukuhlala singadyobhekanga zizinto zasekuhlaleni kwethu. Sikwafunda ukuba asidingi kuzibeka bucala ekuhlaleni nakubomi benkcubeko yakhona ukuze sikhonze uThixo. UDaniyeli namaqabane akhe abanelanga ukuhlala nje phakathi kwenkcubeko esekwe phezu kobuxoki neemposiso neentsomi, kodwa babufunda obo buxoki, ezo mposiso neentsomi. Kunjalo, bahlala bethembekile

Nokuba sihlala phi, sijongene nomngeni wokuba sihlale sithembekile koko sikholelwa kuko naphakathi kweempembelelo zenkcubeko nezasekuhlaleni ezichasene naloo nkolo (yethu). Yithi gqaba-gqaba ngeempembelelo ezikwinkcubeko yakho, uzibuze: Ndimelana njani ngempumelelo nazo?

_____

Uviwo Lokugqibela

Funda: Daniyeli 1:17–21. Sithini isitshixo esivula kwimpumelelo kula madoda mane? (Jonga nakuYobi 38:36, ImiZek. 2:6, Yakobi 1:5.)

Emva kweminyaka emithathu yokuqeqeshwa kwi“yunivesiti yaseBhabheli,” amaHebhere amathathu aziswa phambi kukakumkani ukuba azokuvavanywa okukugqibela. Awanele kuba sempilweni nasengqondweni kuphela ukudlula abanye abafundi, abadlula elwazini nasebulumkweni. Aba bane kwangoko baqeshwa ukuba basebenzele ukumkani. Akufuneki silibale ukuba olu lwazi nobu bulumko bukwahlangene nobuhedeni obuninzi. Kanti ke, babufunda kunjalo, ngokucacileyo kunjalo, babufunda kakuhle, nokuba babengakholelwa kubo.

UNebhukadenetsare wayenokucinga ukuba inzuzo enjalo inento yokwenza nokutya kwasebhotwe nenkqubo yengqeqesho abayifumanayo aba bafundi bane. Phofu ke, uDaniyeli amaqabane akhe babesazi, kwaye ibali likubeka ngokucacileyo, ukuba ukongama kokwenza kwabo akunanto okuyizuze kuhlelo lwaseBhabheli. Yonke into ivela kuThixo. Umzekelo omkhulu kangako wento uThixo alungele ukuyenzela abo bamthembayo. Akufuneki sikoyike ukugutyungelwa bubuchule bokuxhumana, ulawulo, nezinye izimiso ezinokuthembisa ngokutshabalalisa ukwaziwa kwethu njengabantwana bakaThixo. Xa ithemba lethu silibeka kuThixo, singaqiniseka ukuba unako ukusixhasa ngamaxesha anzima ukuba sikwazi ukukhetha kakuhle xa sijongene nemingeni nokuba asigcine xa silwa nazo zonke iimeko. Isitshixo sesethu ukuba sikhethe ngendlela eyiyo xa sijongene nemingeni kwinkolo yethu.

Xa sikhangele kuDaniyeli 1, sinezifundo ezibaluleke kakhulu ngoThixo: (1) UThixo uyayilawula imbali. (2) UThixo unika ingqondo ukuze sikwazi ukuhamba phakathi kwemo ekhohlakeleyo yokusingqongileyo yenkcubeko nomphakathi wethu. (3) UThixo uyabaphakamisa abo bathembele kuYe ngokoyiseka ngaphakathi nendlela abaphila ngayo. Isahluko siphela ngokubonisa ukuba “uDaniyeli waba lapho, kwada kwangumnyaka wokuqala kaKoreshi ukumkani” (Dan. 1:21). Ukukhankanywa kukaKoreshi apha kubalulekile: Kusenza ukuba sikrobe kwithemba phakathi kwamava aselubhacweni. UKoreshi ngowayenyulwe nguThixo ukuba akhulule abantu baKhe abavumele ukuba babuyele eYerusalem. Nangona isahluko siqala ngokuvela kokoyiswa nokuthinjwa, siphela ngokuthi tshazi kwethemba nokubuyela ekhaya. Lo nguThixo wethu: naphakathi kwawona maxesha anzima ebomini bethu, usoloko evule ikroba lethemba ukuze sikwazi ukubona uzuko novuyo olulele ngaphesheya kokubulaleka nentlungu.

Ingcamango Eyongeziweyo:

"UDaniyeli namaqabane akhe eBhabheli, besebatsha, baba nethamsanqa lokuthandwa kakhulu kunoYosefu ngexesha naye esemtsha kubomi bakhe eYiputa; kanti ke babephantsi kovavanyo lwesimilo olwalunobungqongqo. Ukusuka kubomi obulula obuqhelekileyo bekhaya lobuYuda, aba bafana babengabantwana begazi, basiwa kwesona sixeko sihle ukudlula, zonke, basiwa kwibhotwe loyena kumkani mkhulu, bakhethwa ngokukodwa ukuba baqeqeshelwe umsebenzi ongowona ukhethekileyo kakumkani. Into yokuba bona, bengabanquli bakaYehova, bengamakhoboka eBhabheli; nokuba izitya zendlu kaThixo zazibekwe etempileni yoothixo baseBhabheli; nokuba ukumkani wakwaIsrayeli yena ngokwakhe wayelibanjwa ezandleni zamaBhabheli, zizinto ezazithethwa ngokuqhayisa ngaboyisi zibubungqina bokuba inkolo yabo namasiko abo ayengaphezulu kwenkolo namasiko amaHebhere. Phantsi kweemeko ezinjalo, kanye ngokuhlaziswa okwakuziswa kukutenxa kukaIsrayeli emithethweni yaKhe, uThixo wanika iBhabheli ubungqina bokongama kwaKhe, ubungcwele bemiyalelo yaKhe, nobesiphumo esiqinisekileyo sokuthobela. Obu bungqina wabunika (uThixo) ngabo babesakubambe ngokuqinileyo ukunyaniseka kwabo."—Ellen G. White, *Education,* p. 54.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Eklasini, thethani ngeenkcubeko ezahlukeneyo zemingeni yasemphakathini enijongene nayo njengamaKristu apho nihlala khona. Ziintoni, laye lingafunda ntoni ibandla lilonke ukuba lisabele kuzo?

2. Cinga ngendlela engekwaba lula ngayo ukuba uDaniyeli nabanye babeyiyekelele inkolo yabo. Ngapha koko, amaBhabeli ayengaboyisi. Uhlanga lwamaYuda lwaloyisiwe. Sesiphi esinye "isiqinisekiso" esasifuneka sokuba "oothixo" bamaBhabheli babengaphezulu kukaThixo kaIsrayeli, ngenxa yoko, uDaniyeli namaqabane akhe ababedinga ukuba bayamkele loo nyaniso? Kule meko, zeziphi iinyaniso zeBhayibhile ezibalulekileyo abaya babambelela kuzo ezabancedayo ukubaxhasa ngeli xesha? (Jonga uYer. 5:19, Yer. 7:22–34.) Inokusixelela ntoni le nto ngokubaluleka kokuzazi kwethu iziBhalo nokuyiqonda "inyaniso yeli xesha"?

3. Kubaluleke ngokuba kutheni ukuthembeka, kungekokwethu kuphela kodwa nokwabo ukuthembeka kwethu kububungqina kubo ngesimilo seNkosi, esizama ukuyikhonza?